IVa

Lobulumko

Ngokuba imeko yethu yenyama isichaphazela ngokomoya, uTata wethu oseMazulwini usinike imiyalelo eyenzelwe ukuba sikwazi ukuphucula impilo yethu ngokwe nyama nangokomoya. Njenge nxaxheba yoBuyiso lweVangeli likaYesu Krestu, uThixo wambonisa uJoseph Smith ukuba sinakekele kanjani imizimba yethu ukuze umoya WeNkosi ube nathi. Lotyhilelo lubizwa ngokuba yiVa Lobulumko Kufuneka ulandele lomthetho ngaphambili kokuba uphehlelelwe kwiCawa kaYesu Krestu labaNgcwele beemini Zokugqibela. Insikelelo ezinkulu zithenjiswa abo ababonisa ukwethembeka ngokulandela lemiyalelo.

Yintoni Iva Lobulumko?

Inkosi yasityilela ngeVa Lobulumko kuJoseph Smith. Kulotyilelo silumkiswa ngobungozi ukuba sisuke etywaleni, kwicuba, kwakunye neziphuzo ezitshutshu ezinjenge kofi netiye. Emva koko abaprofeti basifundisa ukuba singasebenzisi izinto ezineziyobisi ezingekho emthethweni okanye ezinobungozi kwakunye ne zinto ezingayekeki. Iva Lobulumko lufundisa ukuba

Ukuze umoya nenyama kuthole yonkinto,iNkosi ukucela ukuba uhlale ngaphandle ko:

- *Tywala*
- *Icuba*
- *Ikofi neTiye.*
- *Iziyobisi ezingekho emthethweni.*
- *Ezinye izinto ezinobungozi okanye ezingayekeki.*

sidle inyama kancane kwaye sidle iikhozo neziqhamo, kwakunye nemifino.

Iinsikelelo zeVa Lovulumko

Ukugcina umyalelo weVa Lobulumko kuzakukunceda ukuphucula impilonhle yakho enyameni nasemoyeni. Nokuba usazoba neemceli-mngeni ngempilo, ukulandela lomyalelo kuzokunceda ubenomzimba nengqondo enempilo.

KwiTestamente entsha uMpostoli uPawulosi uthetha ngomziba ukuba uyiTempeli: "awuyazi ukuba uliTempeli lakaThixo, kwaye uMoya kaThixo uhlala ngaphakathi kwakho?" Xa nomayeyiphi indoda ingcolisa itempile kaThixo, yena uThixo uzakumubhubhisa; ngokuba itempile lika Thixo lingcwele, Itempile elunguwe (1 abaseKorinte 3:16–17).

Xa ulandela lomyalelo weVa Lobulumko, ethambile, emnene, inxaxheba yomoya wakho owemvelo uzakulungiselelwa ukuthola inkokhelo kuThixo. Funda ukumamela impembelelo yomoya kwakunye nemvakalelo zakho Uzakulumkiswa ngobungozi kwaye uzaku thola inkokhelo Yomoya oyiNgcwele. Ubulumko bambo kwakunye nolwazi lwakho kuzokwanda. Uzakuziva unoxolo oluninsi engqondweni yakho, amandla ongezekileyo wokuziphatha, uziva unomdla ngobomi kwakunye nengomso lakho.

Iva Lobulumko

Olulutyilelo, lwatholwa nguMprofethi uJoseph Smith ngo1833, luvela kuTata waseMazulwini luza ebantwaneni Bakhe namhlanje. Emva kwale sahluko esivela kulotyhilelo, engatholakala kwi Mfundiso neMinqophiso, kwisigaba 89

"Iva Lobulumko, elisibonelo kwi . . . Cawa, kwakunye nabaNgcwela baseSiyoni. . . .

"Unikezwa umgaqo onesethembiso, eqheliswe emandleni abo babuthakathaka kwakunye nababuthakathaka kakhulu babangcwele. . . .

Jonga, ndinyanisile, ithi iNkosi kuwe: Njengeziqhamo zenkohlakalo kwakunye oyilo olukhoyo neluzobakho entlizweni zabantu abaceba ububi ngemini zokugqibela, Ndi . . . yanilumkisa, ngokuninikeza iva lobulumko ngotyhilelo—

" Ngokuba xa umntu ephuza iwayini okanye iziphuzo ezitshutshu ngaphakathi kwenu, jongani akulunganga. . . .

"kwaye futhi, icuba kaliwulungelanga umzimba,okanye isisu, kwaye ayimlungelanga umntu. . . .

"Kwaye futhi, iiphuzo ezitshutshu [itiye nekofi] aziwulungelanga umzimba okanye isisu.

". . . Zonke izityalo ezilungileyo okanye eziphilisayo uThixo uzidalele ukusebenza kumzimba, indalo, kwaye nokusetyenziswa ngabantu. . . .

"Ewe, Inyama yezilwane kwakunye nezinyoni ezindiza emoyeni, Mna, iNkosi, Ndizidalele ukuba zisetyenziswe ngabantu ngombulelo;ngokoke kufuneka zisetyenziswa kancinci. . . .

"Lonke ukhozo lulungele ukutyiwa ngabantu; kwakunye neziqhamo zomthi;noko kuveza iziqhamo, nokuba kungaphansi okanye phezu komhlaba. . . .

"Kwaye bonke abangcwele abakhumbula ukuhhoya kwaye benze ezi zinto ezithethiweyo . . . bazakuthola impilo enkabeni yabo,kanye nomongo emathanjeni;

"Kwaye bazakuthola ubulumko kwakunye nonodyebo wolwazi, okanye unondyebo ofihlekile;

"Bazakubaleka kwaye sozebadinwe, kwaye bazakuhamba bangapheli amandla.

"Kwaye Mna, Nkosi, Ndibanika isethembiso,ukuba ingelosi ebhubhisayo izakudlula kubo, njenga bantwana bakwaIsrayeli, ingababulali bona. Amen" (Imfundiso nemiNqophiso 89:1, 3–5, 8–10, 12, 16, 18–21).

Yeka izinto ezinobungozi

Xa usebenzisa icuba, utywala, ikofi, itiye, iziyobisi, okanye ezinye izinto ezinobungozi ezinzima ukwehlukana nazo, yeka ngoku. Uzakusikelelwa onempilo umzimba kwakunye nomoya. Abanye abantu bakhulisa imikhuba okanye ukuxhomekeka kwizinto ezinzima ukuyekeka kwaye abangakwazi ukuziyeka ukuzisebenzisa. Xa kunzima ukuyeka ezizinto ezikuqhelisa-imikhuba emibi, cela uThixo ngomthandazo ukuba akuncede ukungagcwalisi iincinga ezingalunganga, kwizinto ozenzayo, okanye izilingo ngephakamisayo, ephilisayo impembelelo. Njengoba ugcwalisa ubomi bakho ngezinto ezilungileyo nezikuphakamisayo, akuzu kuba nendawo yezinto nezimbi kanye nezingakulungelanga. Ezingcebiso zizokunceda:

Qhubeka uzame! Njengoko usebenzisa Intlawulo ebomini, iNkosi izakunceda, noma kubonakala ingathi izakancinci inkqubela yakho.

- Zixelele ukuba uyayeka. Thandaza kwaye ukhawuleze ngokuzethemba ukuba iNkosi izakunceda ukuba unqobe lokuba yixhoba kwezizinto
- Fundani izibhalo ezingcwele. Zikhumbuze izigaba zemibhalo kwaye uzithethe njalo. Zizakuletha kuwe amandla womoya.
- Cela insikelelo yobubingeleli ukuba uthole uncedo lokujongana nalesilingo.

- Lahla iinto ezinobungozi, kwaye ungathengi ezinye.
- Bhala izikhathi, indawo, kunye nemeko ozithola kuzo ezenza ukuba wephule lomthetho weVa Lobulumko. Thetha nabazali bakho, iqabane lakho, abefundisi, nabanye abangani abathembekileyo ngokuphuma kwezi zinto ezikuhlelo lwakho. Njenge sibonelo, thola izinto zokuhambisa ixesha okanye ihobi ezizokunceda ukuba ungalingeki. Mamela umculo ophakamisa umoya wakho, ibaluncedo kwabanye, funda izincwadi ezilungileyo, okanye uthambo lomzimba xa uzwa ulingeka.
- Yiza uthathe inxaxheba kwintlangano zeCawa Uzakusondela eNkosini kwaye uzakubanamandla ongezekileyo wokunqoba iimfuno zakho zezinto ezilimazayo.
- Uyeku mbutho oxhasayo okulungele okanye othole uncedo lwabogqirha.
- Ungalibali ukuba iNkosi izakunceda njengoba uthembela Kuyo. Ukwehlukana nalezinto kungaba nzima kakhulu, kwaye abanye abantu bangabuyela emva kuyo imikhuba yabo yakudala kaninsi ngaphambi kokuba bazilahle ngokupheleleyo. Qhubeka uzame, ungalahli ithemba.

Ngokuba nentobeko kanye nokwethembeka kwaye ucele uncedo kuThixo kanye nabanye, uzakukwazi ukunqoba izinto esingamaxhoba kuzo ngeNtlawulo kaYesu Krestu.

Njengoko uphila Iva Lobulumko, iinsikelelo ozithenjiswe yiNkosi zizokuba ngezakho.

ukugxila kwimiphumela

IZIFUNDO EZONGEZIWEYO

Le mibuzo ilandelayo kwaye nezibhalo ezingcwele ziyakukunceda ucingisise banzi ngemigaqo ekulencwadana Izibhekiso ezishunqelelweyo ezingezantsi kwaye nezibhekiso ezixwesileyo ezikwi zibhalo ezingcwele ziyakukubhekisa kwimihlathi kwaye neemvelaphi zale migaqo.

Yintoni kufuneka ukuba ndikhathalele izinto ezingena emzimbeni wam?

Izaga 20:1 (iBhayibheli, iTestamende Endala)

1 AbaseKorinte 3:16–17 (iBhayibheli Ithestamente eNtsha)

1 6:19–20 (iBhayibheli Ithestamente eNtsha)

Imfundiso nemiNqophiso 89 (Abefundisi kwakunye namalunga ecawa angakunceda uthole lencwadi.) Ungayithola kwiintanethi ku www.mormon.org.)

"Iva Lobulumko," *Thembeka eNkolweni* (Abefundisi kwakunye namalunga ecawa angakunceda uthole lencwadi.) Ungayithola kwiintanethi ku www.mormon.org.)

Zeziphi iinsikelelo zomoya kanye nenyama ezingeza kum xa ndilandela imiyalo kaThixo yempilonhle?

Daniyeli 1:3–20 (iBhayibheli, iTestamende Endala)

Izakundomeleza njani iNkosi xa ndilingeka?

Mozaya 5:2 (Incwadi kaMormoni, Icwecwe 179)

Mozaya 7:33 (Incwadi kaMormoni, Icwecwe 185)

Alma 13:27–29 (Incwadi kaMormoni, Icwecwe 287)

Eteri 12:27 (Incwadi kaMormoni, Icwecwe 635)



Ndenze ntoni?

- *Qhubekeka ufunde Incwadi kaMormoni*
  *Iimfundiso Ocetyiswa ngazo*_____

  _____

- *Phila Iva Lobulumko Thandazela uncedo lokugcina lomyalelo. Beka iinjongo yokulungisa ubomi bakho ngokwe nyama kwakunye nomoya ngokubalekela izinto ezilimazayo kwaye ujonge ukutya okutyayo kwakunye nezinye izinto ezihambelana nezinto ezikuphilisayo.*

- *Yiza ecaweni ngeCawa*

- *Qhubekeka ulungiselele uphehlelelo lwakho.*
  *Imini yobhapthizo:*_____

- *Tyelela i- www.mormon.org ukufunda ngeCawa kaYesu Krestu nabaNgcwele beMini yokugqibela.*

- *Qhubekeka uhlangane nabefundisi beminyaka emibini ukufunda ukuba ingasikelela njani imiyalelo ka Thixo ubomi bakho*

  Idinga elilandelayo: _____

  Amagama abefundisi beminyaka emibini epheleleyo kunye namanani omnxeba wabo:

  _____

  _____

IBANDLA
LIKAYESU KRESTU
LABANGCWELE
BEMIHLA YOKUGQIBELA

www.mormon.org

XHOSA
4 02012 01774 6
01201 774

Igama lomtu ozobileyo
Icwecwe Langaphambili, 5, 6, 9, 10, 14 nguCraig Diamond
Page 2, okuqhabalaka kuphuma ku *Mzalwane Joseph,* nguDavid Lindsley. © uDavid Lindsley

© 2011 yi Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eMelika.Isivumelo sesiNgesi: 2/06. Isivumelo Sokuguqula: 2/06. Inguqulelo ye *The Word of Wisdom.* Xhosa. 01201 774